SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## IMIGAQO YOKUMAKISHA UVAVANYO LOKUQONDA

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kukuqonda, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo kumele zingohlwayelwa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ukuqonda. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa olunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, loo magama mawangananzwa, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, musa ukumohlwaya. Ukanti ke, ukuba igama elisetyenzisiweyo lisuka kolunye ulwimi kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuya kwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga noluvo neengcinga zomviwa,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ezimele ukuqwalaselwa.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/Ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuqwalaselwe.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esisivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.

6. Ukuba kufunwa iimpendulo ezimbini ukuya kwisithathu/amanqaku amabini okanye amathathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala**.

7. Kwamkele ukusetyenziswa kweelwimi zengingqi ezahlukileyo.

8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ngolu hlobo: Unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

1.1 1.1.1 Bajongene nengxaki yocimo lokonga umbane.√√ (2)

1.1.2 Kukuba abe neendlela zokuyilungiselela ingxaki yocimo lokonga umbane.√√ (2)

1.1.3 ... uthi cimi umbane√√/ usuke uthi cimi.\];I√√ (2)

1.1.4 Kukusebenzisa iselula fowuni√/iilanteni ezisebenzisa amandla esola√/izibane ezikhulu ezisebenza ngebhetri√/iithotshi ezisebenza ngebhetri.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.1.5 Kungokuba afikeleleka kuye wonke umntu√√/kungokuba afumaneka ngexabiso eliphantsi.√√ (2)

1.1.6 Lufumaneka kwiiwebhusayithi.√ (1)

1.1.7 D√/D kwijenereyitha√ kwijenereyitha.√ (1)

1.1.8 Iithetha ukuba ngumntu otyayo obanamandla√√/ukuba umntu kufuneka atye ukuze abe namandla√√/umntu amandla uwafumana akutya√√/umntu ukuze abe namandla makatye√√/ukutya kwenza amandla emntwini.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.1.9 Kubaluleke ngokuba imizimba itsho ikwazi ukumelana nemisebenzi yemihla ngemihla.√√ (2)

1.1.10 Kukusebenzisa isitovu seenkuni njengesifudumezi endaweni yesifudumezi separafini.√√ (2)

1.1.11 Kunjalo, kuba kuthiwa babencedwa kuko xa bengenandlela yokuziphekela.√√ (2)

1.1.12 Ndiyavumelana naso, kuba sithi 'nasebumnyameni yiba nobomi' kwaye zixeliwe iindlela umntu angazinceda ngazo ukuze athi nokuba kucinywe umbane kumnyama, akhanyise, ubomi bakhe bungemi√√/kuba zixeliwe iindidi zezikhanyisi anokukhanyisa ngazo umntu ukuze ngexesha locimo lokonga umbane angaxakwa, aphele emelwe bubomi.√√

**OKANYE**

Andivumelani naso, kuba akululanga kumntu wonke ukufikelela kwizikhanyisi ezingeyiyo ingozi ezixeliweyo kuba ngenxa yokuba amakhandlela eyingozi abanye abantu bayoyika ukuwasebenzisa, ngoko ke baphela behleli ebumnyameni.
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.1.13 Sibhalelwe ukudlulisa ulwazi.√√ (2)



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

**UMBUZO 1.2**

**OKUBONWAYO**

1.2 1.2.1 Yifestile√ nekhandlela√/ ukukhanya kwendalo√/inyanga.√ (2)

1.2.2 Ukuba kukho umntu obeyifunda√√/ kukho umntu oza kuyifunda√√/ kukho umntu olungiselela ukufunda√√/ukho umntu oza kwenza umsebenzi wesikolo√√/kukho umntu obesenza umsebenzi wesikolo√√/kukho umntu obeyisebenzisa.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.2.3 Kukubonisa iingxaki ababakuzo abafundi ngenxa yocimo lokonga umbane xa besenza umsebenzi wesikolo√√/kukubonisa ubunzima obufunyanwa ngabantu ngamaxesha okucinywa kombane√√/ ukuba nokuba amakhandlela akhona akakhanyisi ngokuqaqambileyo√√/ukuba ucimo lokonga umbane luchaphazela ikamva labantwana√√/ukuba zikho iinzame zokukhanyisa abanokuzenza abantu xa kucime umbane ukuze ubomi bengemi.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO B: USHWANKATHELO

## UMBUZO 2

**Ukumakisha ushwankathelo**

- **Ulwabiwo-manqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
  - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
  - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
  - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Akunikezwa manqaku olwimi.
  - 4–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Kunikezwa inqaku eli-1 lolwimi.
  - 2–3 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Kunikezwa amanqaku ama-2 olwimi.

**QAPHELA:**

- **Ifomathi:**
  - Nokuba isishwankathelo asilandelanga fomathi echanekileyo makanganyityelwa manqaku umviwa.

- **Ubalo-magama:**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



| IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO | | IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO | |
|---|---|---|---|
| 1. | Zama ukufuna ulwazi ngeshedyuli yocimo lokongiwa kombane yendawo ohlala kuyo. | 1. | Khangela ulwazi ngeshedyuli yocimo lokongiwa kombane yendawo yakho. |
| 2. | Qiniseka ukuba izixhobo ezisebenza ngombane zihlala zitshajiwe, zigcwele. | 2. | Qiniseka ukuba izixhobo zombane zisoloko zigcwele. |
| 3. | Mazihlale zikufutshane nawe izikhanyisi ezingasebenzisi mbane. | 3. | Mazingabi kude kuwe izikhanyisi ezingezozombane. |
| 4. | Sebenzisa ukukhanya kwendalo ngokusebenza ngexesha lasemini. | 4. | Sebenzisa ixesha lasemini kusakhanyise indalo. |
| 5. | Funa ulwazi kwimithombo engasebenzisi mbane, xa wona usacinyiwe. | 5. | Phanda kwimithombo engasebenzi ngambane, xa ungekho. |
| 6. | Cela ukusebenzela kumakhaya ezizalwane ezisenombane ngokweshedyuli. | 6. | Sebenzela kwimizi enombane yezihlobo zakho. |
| 7. | Umsebenzi wesikolo wenze kuselithuba, ungalindi imizuzu yokugqibela. | 7. | Wenze kwangexesha umsebenzi wesikolo. |
| | **(Inani lamagama-52.)** | | **(Inani lamagama-39.)** |

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO C: ULWIMI

## UKUMAKISHA ICANDELO C

1. Upelo
   - Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
   - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
   - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa iimpawu zobhalo zichanekile.

2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.

3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ngolu hlobo: Unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo, okanye zombini.

## UMBUZO 3

3.1 Imveliso.√ (1)

3.2 'The joy of writing.'√ (1)

3.3 Yi-Cello.√ (1)

3.4 B√/B ukuqhatha umthengi√/ukuqhatha umthengi.√ (1)

3.5 Sisixelela ukuba inciphile ngokwesiqu√√/ukuba ibambeka lula xa ubhala ngayo.√√ (2)

3.6 Angangena kwiwebhusayithi i-Amazon okanye i-Cello√/angandwendwela nakweyiphi ivenkile kwezinkulu zaseMzantsi Afrika√/angathumela i-imeyile√angathenga kwiFlipkart.√√
[Nasiphi isibini kwezi] (2)

3.7 Singandenza ukuba ndinqwenele ukuyithenga le peni, kuba ichazwe ngesigama esitsala umdla esisesi; 'ibhala ntofontofo', inesiqwana esilula' √√/ isilogani saso senza ukuba ndikubone kulula ukubhala ngale peni.√√

**OKANYE**

Asinakundenza ukuba ndinqwenele ukuyithenga le peni, kuba kwiinkcukacha zokufikelela kuyo akukho venkile ixeliweyo ngoko ke ilungiselelwe abantu abahlala kwiidolophu ezineevenkile ezinkulu nabasebenzisa ubuchwepheshe betekhnoloji√√ / kuba ixabiso layo lixhomile.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[10]**



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



**UMBUZO 4**

4.1 Yirimowuti ye-*play station*.√ (1)

4.2 Usinekile√/ufinge iintshiya√/uqinise amazinyo.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

4.3 C√/C ukothuka√/ukothuka.√ (1)

4.4 4.4.1 Kulwimi lwesiNgesi√/kwisiNgesi√/esiNgesini.√

4.4.2 Umabonakude√/ithivi.√ (2)

4.5 Kungokuba ucinge ukuba yinkqubo yocimo lokonga umbane/kukucinywa kombane okwenza ukuba ingasebenzi.√√ (2)

4.6 Ndiyavumelana nalo, kuba indlela acaphuka ngayo uZuko xa ecinga ukuba nguwo obangela ukungasebenzi kwerimowuthi ibonisa ukuba iyabakhathaza abantu kakhulu√√/ kuba akabanga sacinga nto yimbi uZuko ucinge ngokucinywa kombane kwaye ude athi kuyingxaki.√√

**OKANYE**

Andivumelani nalo, kuba uZuko uyacaphuka kanti ukuba ebeqale ngokuqwalasela iplagi ngebonile ukuba impazamo ikuye.
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[10]**



SA EXAM PAPERS

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



**UMBUZO 5**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 5.1 | 5.1.1 | Imibane.√ | (1) |
| | 5.1.2 | Umntu.√<br>Isilwanyana.√ | (2) |
| | 5.1.3 | A√/A kubantu√/kubantu.√ | (1) |
| | 5.1.4 | (a) isibizo esiyintloko – Umbane.√ | (1) |
| | | (b) esiyinjongosenzi – intlalo.√ | (1) |
| | 5.1.5 | Kuphucula impilo,√ intlalo nobomi.√ | (2) |
| | 5.1.6 | Imfundo nayo ayiguquki.√√ | (2) |
| | 5.1.7 | Lona.√ | (1) |
| | 5.1.8 | Le.√ | (1) |
| | 5.1.9 | Loo nto yaphucula.√ | (1) |
| | 5.1.10 | Kukubonisa ubukhulu√/kukubonisa isandiso.√ | (1) |
| 5.2 | 5.2.1 | USipho unceda uLili ukuze akhanyise ibhalbhu yesibane.√√ | (2) |
| | 5.2.2 | ULili uhleli emagxeni/ kumagxa kaSipho.√√ | (2) |
| | 5.2.3 | Undincedile√ ngokundinyusa.√ | (2)<br>**[20]** |

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**



SA EXAM PAPERS